# Uqulunqo lwephepha lamaLungelo kwiiNkonzo

SiliSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo yaye imbono yethu kukufaka igalelo kwintsebenziswano yoluntu, kubugcisa nakwimisebenzi yeNtshona Koloni. Umnqweno wethu kukukhuthaza inkqubo encamisileyo kwezemidlalo nenkcubeko ngokusebenzisa ngokusulungekileyo izixhobo esinazo, nobuqabane bentsebenziswano esinabo namanye amaqumrhu. Ekuyeni empumelelweni encamisileyo, siza kudala amathuba okufikelela kwintatho-nxaxheba ngobuninzi, uqwalaselo lwetalente nophuhliso lwezakhono.

## UKUZIBOPHELELA KWETHU

Sizibophelele ekukhatheleleni abantu nasekwaneliseni abo sibancedayo njengoko sinikezela ngeenkonzo zethu zophuhliso lwamacandelo oluntu. Ukufezekisa uxanduva lwethu lwasemthethweni, siza kuhamba ngemigaqo esibhozo yeBatho Pele (Abantu kuqala). Sizibophelela ekunikeni iinkonzo zethu ngokwezinga elamkelekileyo leNkathalo, ukubaNako, ukuThatha uXanduva, iSidima nokuSabela ukuze sikhusele ze sazise banzi ngamalungelo akho, nokuvula amathuba okufezikisa iziphumo zokuhanjiswa kweenkonzo ngcono xa kubanjiswene .

Umsebenzi wethu uza kuvavanywa ze ingxelo yawo ifumaneke kwiNgxelo yoNyaka neNgxelo yoLuntu eza kufumaneka kwiwebhusayithi yethu .

uMphathiswa Ivan Meyer

## Iinkonzo nemigqaliselo yethu

SINIKA EZI NKONZO ZINGUNDOQO ZILANDELAYO NGOKUHAMBELENA NEZINGA EZIDINGEKA NGALO

### IINKALO ZONIKEZELO LWEENKONZO

- Iinkonzo zobuGcisa neNkcubeko - Ukuncedisa ekuziseni uphuhliso, ukugcina nokukhuthaza ubuchule nenkcubeko eNtshona Koloni
- IiNkonzo zoLwimi – Ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi eNtshona Koloni nokuphuhlisa iilwimi ezazisengelwa phantsi ezinjengesiXhosa, isiNama noLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika
- AmaZiko oLondolozo lweMbali, ezeLifa leMveli neeNkonzo zamaGama eeNgingqi – ulawulo olunesiphumo, ubuchule, ubulungisa nenkxaso kumaziko olondolozo lwembali afumana inkxaso kwiphondo
- IMidlalo noLonwabo – ukudala isimo esivumayo, esinokulolongeka, esisebenzayo nesisulungekileyo ukwenza igalelo kwimibutho yezemidlalo, kwintatho-nxaxheba ngobuninzi, kwimidlalo yokhuphiswano, kwimidlalo yodidi oluphezulu, nakwimidlalo enenkqubela-phambili

### IZINGA LEENKONZO KOWAMA 2014/15

- Imibutho yobugcisa nenkcubeko efanelekileyo iza kufumana inkxaso-mali kwiinyanga ezi-6 emva kokuba izicelo zayo zifunyenwe.
- Imibuzo nezicelo zenkxaso yezeelwimi iza kuphendulwa kwiintsuku ezili-14, ukuba zifakwe zonke iinkcukacha ezifanelekileyo ukusabela koko kudingekayo.
- Izicelo zemvume yezeAkhiyoloji, izicelo zolwakhiwo oluchaphazela indalo nokuyingqongileyo nezicelo zovavanyo lwempembelelo ziza kusatyelwa kwiintsuku ezili-14 zokufunyanwa kwezicelo.
- Ukuhlolwa kwezicelo nokuvunywa kwenkxaso-mali kwimibutho yezemidlalo efanelekileyo namabhunga ezemidlalo luza kugqitywa kwiinyanga ezi-6 zokuvalwa kokufakwa kwezicelo.

## INKQUBO YETHU YOLUNGISO

Ukuba unesikhalazo nceda sixelele. Siza kusiphanda eso sikhalazo ngokukhawuleza yaye ukuba kufumaniseke kukho impazamo esiyenzileyo siza kuyilungisa ze sicele uxolo. Ukuba awonelisekanga, siza kuyiphanda nangakumbi ingxaki leyo ze siphendule kwiintsuku ezili-12 zokusebenza.

Ukuba asikwazi ukuyilungisa ngomxeba nangokukhawuleza ingxaki yakho, siza kuthumela isikhalazo sakho kumsebenzi ochaphazelekayo, ze sikuxelele ukuba impendulo iza kufumaneka nini.

Wamkelekile ukuba uthumele iingcebiso, izincomo, nezigxeko ngendlela eyakhayo okanye iingcebiso ezinokusinceda senze ngcono umsebenzi wethu okanye siphucule umgangatho wethu kule dilesi: iNtloko yezoQhakamshelwano yeDCAS, uMgangatho 1, kwiSakhiwo iProtea Assurance, eGreenmarket Square, eKapa 8000, I-imeyile: Dcas.Com@westerncape.gov.za, Umnxeba: 021 483 9730.

## Amalungelo Wabancedwayo

**Unelungelo:**

- Kuncedo olusulungekileyo ngalo lonke ixesha;
- Lokufumana yonke ingxelo ngalo lonke ixesha xa uyifuna;
- Kwintsebenziswano enobuchule ekhawulezileyo;
- Lokuncedwa ze kucelwe uxolo xa ungancedwanga ngokupheleleyo;
- Lesiqinisekiso sokufumana inkonzo eyonelisayo ngemali ekhutshiweyo;
- Kulwazi ngomgangatho womsebenzi ongawulindela;
- Lokufikelela ngokulinganayo kwiinkonzo;
- Lokuxelelwa ngazo zonke iinkonzo ezinikwa ngurhulumente nobunjani bazo.

## Okulindelekileyo Kwabancedwayo

**Silindele ukuba:**

- Ube nembeko, uhloniphe umsebenzi okuncedayo;
- Unyaniseke kuthi;
- Ufake iinkcukacha ezipheleleyo nezichanekileyo ziphelekwe ziikopi ezisanda kuqinisekiswa zamaxwebhu ayimfuneko;
- Uthobele zonke izivumelwano ozenze kunye nathi zokuzimasa iinkqubo nemisitho.

## Zonke izakhiwo zeDCAS namaziko

- Ziza kuphawulwa ngokubonakalayo;
- Ziza kubonisa iinombolo zoqhagamshelwano namaxesha okusebenza ;
- Ziza kudwelisa iindidi zemisebenzi eyenziwayo kwisakhiwo ngasinye;
- Ziza kuba nezalathisi zezempilo nokhuselo ezicacileyo;
- Ziza kufikeleleka kubantu ababandezeleke ngokwamalungu omzimba (izilima).
- Siza kuzama ukwenza konke esinako ukuba imisebenzi yethu ibe ngeelwimi ezintathu zaseburhulumenteni eNtshona Koloni;
- Iziqinisekiso zokufunyanwa kwembalelwano yakho ziza kukhutshwa kwisithuba seentsuku ezintlanu zokusebenza;
- Siza kuphendula ama-90% eembalelwano ezisuka kubemi beNtshona Koloni ngokwamkelekileyo kwiintsuku ezili-14 zokusebenza zifunyenwe;
- Yonke iminxeba siza kuyiphakamisa ingekadluli kwizihlandlo ezi-5 ikhala ngombuliso othi : " iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, mholo, ngubani kabana lo uthethayo, ndingakunceda ngantoni?";
- Siza kuphendula ama-90% azo zonke izikhalazo zoluntu kwiintsuku ezili-14 yaye inkqubo yokulungisa iza kucaciswa kubakhalazi.

**Undlunkulu**
ISakhiwo iProtea Assuranceg, Greenmarket Square, eKapa
(Iiyure zokusebenza: 07:30-16:30 ngoMvulo ukuya ngoLwesihlanu)
Umnxeba: 021 483 9877

URhulumente weNtshona Koloni
ImiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo

UBAMBISWANO NGAMANDLA.

**ISibophelelo sikaGunyaziwe oPhetheyo:**

Mna, Ivan Meyer, ndibophelela iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ngokweCandelo III, C.2 Imigaqo yeNkonzo yasebuRhulumenteni, 2001 njengoko lenziwe izilungiso, ukuba lithobele le tshatha.

uMphathiswa Ivan Meyer